Isalathiso: 20201016-8846
Inombolo yefayili: 1/4/1/1
Imibuzo: LM Coleridge-Zils

ISetyhula: 0050/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa inguqulelo edityanisiweyo yoMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997), uMthetho woLungiso weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 2010 (uMthetho 7 ka-2010), noMthetho woLungiso weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 2018 (uMthetho 4 ka- 2018).*

Isihloko: Ukupapashwa kwenguqulelo edityanisiweyo yoMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997), uMthetho woLungiso weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 2010 noMthetho woLungiso weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 2018 (uMthetho 4 ka-2018)

1. UMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997) ("uMthetho oyiNtloko"), oqalise ukusebenza ngowe-16 Januwari 1998 yaye wafakelwa izilungiso nguMthetho woLungiso weMfundo weZikolo wePhondo leNtshona Koloni, 2010 (uMthetho 7 ka-2010) ("uMthetho woLungiso ka-2010"), yaye kutshanje ufakelwe izilungiso nguMthetho woLungiso weMfundo weZikolo zeNtshona Koloni, 2018 (uMthetho 4 ka-2018) ("uMthetho woLungiso ka-2018"), emva kokuphunyezwa kwawo yiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo.

2. Injongo yoMthetho woLungiso ka-2018 , phakathi kwezinye izinto yayikukuba—
   a) kufakelwe izilungiso kuMthetho oyiNtloko, ukuze kucinywe iinkcazelo yaye kufakwe yaye kutshintshaniswe nezinye;
   b) kufakelwe izilungiso kwizalathiso ezibhekisele kwimigaqo ethile yezomthetho;

c) kususwe imiba ebhekisele kwimfundo yabadala;
d) kwenziwe imigaqo yokuthengwa kweempahla neenkonzo ezinxulumene nezemfundo kwiPhondo ukuba zithengwe ndaweninye;
e) kulawulwe ukubekwa esweni nokunikwa inkxaso kokufundiswa kwekharityhulam kwigumbi lokufundela kwizikolo zikarhulumente;
f) kugunyaziswe iBhunga lezeMfundo leNtshona Koloni ukuba linike iingxelo zeengcebiso;
g) kwenziwe imigaqo yokusekwa nemisebenzi kaGunyaziwe woHlolo lweZikolo;
h) kwenziwe imigaqo yokusekwa kwezikolo zentsebenziswano nezikolo zikarhulumente ezifumana inkxaso;
i) kwenziwe imigaqo yokusekwa kweefasilithi zongenelelo ngoncedo ekunokuthunyelwa kuzo abafundi ngokweemeko ezithile;
j) kususwe imiqathango enyanzelisa ukuba kufunyanwe imvume yoMphathiswa wePhondo ojongene nezemali ekufuneka ifunyenwe ngokubhekiselele kwizivumelwano ezithile;
k) kucinywe umgaqo ogunyazisa ukuvalwa kwenxenye yesikolo sikarhulumente;
l) kongezwe omnye umgaqo kuMphathiswa wePhondo ojongene nezemfundo ukuba abeke imiqathango;
m) kulawulwe kwakhona amagunya oMphathiswa wePhondo ukuba amisele imimiselo nemigangatho kunye nemisebenzi kwaneenkqubo zokusekwa nokunyulwa kwamabhunga amele abafundi;
n) kutshitshiswe umgaqo ongasasebenziyo omalunga namagunya eNkundla yaBantwana;
o) kugunyaziswe ukuba kwenziwe iimvavanyo ezithile ezimalunga nokwamkelwa komfundi kwisikolo sikarhulumente esikhethekileyo okanye esinabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa;
p) kwenziwe imigaqo emalunga nokuthengiswa kotywala kumasango esikolo okanye xa kwenziwa imisebenzi yesikolo ngokwemiqathango ethile;
q) kulungiselelwe ukuba isikolo sikarhulumente masifumane imvume ebhaliweyo kwangaphambili yomzali egunyazisa umfundi ukuba aye kumsebenzi wesikolo oqhubekela ngaphandle kwamasango esikolo;
r) kwenziwe ezinye izenzo zibe lulwaphulo-mthetho; kunye
s) nokuchaza eminye imiba ehambelana naleyo.

3. UMthetho woLungiso ka-2010 wapapashwa kwiSongezelelo kwiGazethi yePhondo No. 6823 yowe-08 Disemba 2010 kunye noMthetho woLungiso ka-2018 owawupapashwe kwiSongezelelo kwiGazethi yePhondo No. 8010 yowe-29 Novemba 2018. Ngenxa yolu papasho, iSebe leMfundo leNtshona Koloni lidibanise yaye latshintsha, latshintshanisa yaye lafaka yonke imigaqo yoMthetho woLungiso ka-2010 kunye noMthetho woLungiso ka-2018 kuMthetho oyiNtloko.

4. Inguqulelo edityanisiweyo iyafumaneka ngazo zontathu iilwimi zaseburhulumenteni zaseNtshona Koloni (eziqhotyoshelweyo apha) yaye ikhutshelwa ukunenzela lula.

5. Nakuba kunjalo, apho kukho imfuneko yokuqinisekisa nokulungiselela iinjongo zokufumana intsingiselo, makufundwe ngalo lonke ixesha iinguqulelo ezigazethiweyo zoMthetho oyiNtloko (uMthetho 12 ka-1997), uMthetho woLungiso ka-2010 (uMthetho 7 ka-2010) kunye noMthetho woLungiso ka-2018 (uMthetho 4 ka-2018).

6. Ukuba kukho nayiphi na imibuzo engaphezulu emalunga nalo mba, kucelwa nizive nikhululekile ukuba niqhagamshelana no-*Adv*. Lynn Coleridge-Zils kwinombolo yefoni 021 467 2299 okanye nge-imeyili apha Lynn.Coleridge-Zils@westerncape.gov.za.

7. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-11-27